

Baca history and incube

K11/29

S.85.

11/2/29

D.J.Mapekula.

[1b]

1
4

Ibali na Masiko ama Bhaca.

Ama-Bhaca, sisizwe esimi pakati kwe Tina, no Mzimvulu, kwisi chili, sase Mount Ferere.

Esisizwe apo sivela kona sivela kwa Zulu elu Tukela, apo sicitakele kona ngexesha lika Tshaka.

AmaBhaca apo emikona ngoku kukwezindawo zilandelayo. Tshungwane, Mount White, Colana, Mandilani, kude kube se Mzimkulu inkosi zesisizwe ngezi. Ezingase koyo. Mdutyane, Rolobile, Ncapai, Makaula, Diko, Sodladla, Mngcisan, Esisekoyo Ngezi Maula, Sikanda, Kulangempondo, Manjenyelwa Nohi, Seully Tobigunya, Nkevulana no Wabana oyona uyi nkulu ngoku (Paramount chief)

Ngexesha lokupila kwezi nkosi pantsi kwenkosi enkulu (paramount chief) uNcapai kuliwe imfazwe Mampondo ekute kwenye yezimfanzwe wabulawa inkosi uNcapai bamhlaba ngemikhonto, bameyelisela eliweni.

2. Kute emva koko abuya amalpondo afuna ukutumela enye imfazwe kwa Bhaca, kodwa siva ukuba ama Mpando akevananga ukuba kutunyelwe emfazwe elusa tsheni kuba inkosi ibisele ibulelewe ya maBhaca. Kodwa kwenzekile ukuba impi yama Mpando ihlasele kwa Bhaca ekute ngelixesha xa amalpondo ebengene kwa Bhaca, kwati kuba umhlaba wawusalungile ngoko unengoa inde. Kwati kanti kute xa ama Bhaca ebebalekisa inkomo kwasala inkonyane yenkomu ete yotuswa yimikosi yamalpondo ete yakuzama ukuyihlaba yakala yabaleka ati amalpondo kwa oko angenelwa luloyiko ati inkonyana le ilunjive ukuze imikosi yama Mpando yoyiswe kanti okunene kuzakuba njalo oyiswa ama Mpando oyela kusizibakazi esikulu Mzimvulu ekutiwa kuku Nopoyi apo ate amalpondo ngokubaleka atshona amanye akwela pezu kwamanye yatti iboloro yangabantu Le Mfazwe yayi yayibizwa ngokutiwa yeka noTintwa apo kwalwa into zoCobokana oNkaminoponde no Sondara into zoMsezeli noWeyi Nomguzane no Mabuje, Namanye amadoda akwa Bhaca.

Kute ngoku xa besekupete umakula umfo ka Ncapai, kwa

5. 3

kwalaula uxolo. Amalipondo nama Bhaca d benza uxolo (Truce) Nangona sekulaula uxolo amabhaca abuye apinda alwa namalau ka Adam Kok. Kule mfazwe ama Bhaca awadela gqita amalau ati akayi kulwa ngazixobo namalau ayansuka aye nentambo zenkabi emfazweni abambe amalawu ngazo. Wo! kanti amabhaca azakoyiswa sqala angena ehlatini kwavakala amalau esiti "Mayipume indoda emhlatini izokuhlabana emabaleni" Eteta ukuti "Pumani madoda ehlatini sizokuhlabana ekuhleni."

Kute emva kwezimfazwe laye ilizwe lixola ngoku xola. Lwaye nokanyo lubona kala ukuba luxinile kwelalo icala. uNkosi Makaula ube nomcamango omhle esingati nxa siwuqwalasela sibone ukuba waye tunywa ngu Tixo. Ngenye imini waluza imbizo ati akuba amadoda ehlanganisene wati ufuna ukutuma amadoda ayekutenga umdisi (minister) eRini(Grahamstown) atunywake amadoda amabini ayakutenga ngopondo lwendlovu. okunene lamadoda /ahamba lomhlaba umde kangako ukusuka e Mount Frere ukuya eRini, chamba nge nyawo kuba ilizwe lati ngekabinje lamadoda abuya naye umfundidisi. Wabekwa eTshungwane (Osborn). Ukusukela ngoko kude kube namhlanje abefundisi babini kona itishala zesikolo semini zingapezulu kweshumi.

Njengoko izizwe bezisemnyameni, kwamiswa umteto wokuti xa umntu enukiwe ngamaxwele (witch doctor) waze wabalekela eTshungwana usindile ekubulaweni. Kuba akuko mntu oyakumkupa kona. Emva kwalemisebenzi emihle eyenziwa ngumntanomhle uSilwanyana njengoko abantu bake babambiza walala engcwabenzi uMakaula. Washiya onyana abaninzi ekuphakati kwabo kwakungaba: Bertie, Mngcokane, Maula, Nohi, Rovo, Kulangempond Tsibiyana, Ngogwana, Nabanye bezindlwana. Kubonakala ke ukuba uBertie makatabate indawo keyise, kodwa akubanganjalo kuba uBertie lo uebhala kwam ndisi uWhite (Rev. Mr. White) Uyise unkesi Makaula wayempe umfundisi uWhite njengoko waye ngenamtvana umfundisi lo nguye obese Tshungwane ngelixesha.

S.85 uBertie lo unke nomfundisi uWhite ukuya kupumla kwake eEngilani (England) apo uBertie afike watshata kona elinye lamanenekazi amhlophe kuba ubengalibizwa ngokuba ngu Bertie

Ncapi bekusitiwa ngu Bertie White. uBertie lo ubube okuqalekeni kwalonyaka (1938) washiya intombi ezimbini zilapo e Engilani nangoku.

Njengoko besenditshilo ukuthi uBertie lo akabanga nako ukutabata isikundla sikayise, kubonakele ukuba uMngcisane emva kokuba njelwa kwake ixesha makube nguye atabata, isihlalo sika yise okunene ke usitatabatile isihlalo sikayise nangona yena efika waggitisa ukutabata abafazi ubenabafazi aba mabungu namashumi amane. Pakati kwabafazi baki bekuko nabamalau. Bebebe bati xa bembonga ngumangangayizeka nabo yeyleau. Umagwiliwilana uZwelibanzi lokufumana bafazi yena ukube ngo 1937 washiya inkwenkwe ezauba yinkulu (Paramount Chief) ise Nxukwebe esinalini (Hlalldtown)) Ngoku isabanjelwe ngumkulu wayo wasekunene uNkevulana.

Incube.

6 Lelinye lamasiko ebelifudula lise uziwa isisizwe sama Bhaca elisiko belisenziwa ngo Nalaza (Febryary) enyakeni kutiwa ukubizwa kwalo kukushwama okokuti kukuqala ukudla, ukudla okutsha njengoko kukukungena kokwindla. Bekuti xa kusondela elixesha ubeve abafazi besiti "Rwepe! Rwepe! wadli Ncube watsheka." Bekuko isiteto esiti kwabanyeabantu bezinye izizwe, le Ncube kuba amaBhaca ayakubulala ize itambo lentloko yako lihlambele inkosimba" Lenkonzo ibi fudula iyinkonzo ebabululekile gqita kwa Bhaca beziti inkosi zonke nabantu bazo zidibane komkulu (Great Place) Elugangeni ngosuku olumisuweyo kuyiwe encubeni, bekufikwa komkulu kwensiwe untsholoenkulo kuqutywa inkomo ngamadoda nabafazi amadoda ebince amatshali awo edla umhlabo, abafazi nentombi behombe bepelele ngentsimbi nezikaka amadoda epete imipu nemikhonto amadodana epete amakawu nemikonto leminyimini yokuselwa, yimini yokudliwa kwenyama, inyama yenkomoidliwe luhlaza yojiwe enye, inkmo ipele tu ingakange.

S.85 7 Ipekwe indawo yokuqala lenkomo ixekiyeyo ibiyekile ixelwe ngendlelana apa engatshongo kona ekutshiwe umlenze ihleli iviswe inthungu ezingumangaliso. Pakati kwesisizwe basafumana ke abantu basayidla inyama rwada. Eyona njongo ye Ncube kukuba amadoda adle amatanga kuba ebengenakuwaâla amatanga ukubaincebe ayikakenziwa.

Bantso ke imbali yesizwe nama siko amabhaca. Bati ke xa besibonga esisizwe "Ngo zulu, Ntombala, Kalimeshe, Wabana, Didi, Vebi, Nofisengafi."

Bati za beteta batsitsize naga amagama ambalwa abalula inteto yamaBhaca.

<u>IsiXhosa</u>	<u>isiBhaca.</u>
Nditi	Nditsi
Inoda	Indodza
Indaba	Indzaba
Intombaza	Inkatanyana
Umfaza	Umfati
Intsimi	Insimi
Inkunzana	Inkuntana
Ndiyakuxelele	Hâda Ndiyakutshena.

END. S.85